

ISAZISO KUBO BONKE ABANIKAZI BOO MABONA-KUDE

Mthengi othandekayo

Ukutshintshwa kwentshukumisa yemitha ye tv nonomathotholo wedijithali

uMzantsi Afrika okwangoku utshintsha intshukumisa ye mitha ye tv nonomathotholo kwi analog etshintshela kwi dijithali. Ukuze umabona-kude wakho abenako ukufumana intshukumisa yemitha yedijithali uqonde, kufuneka ubenedikhoda okanye i-STB.

Ukuba awunayo idikhoda kwixesha elizayo awuzukwazi ukuzifumana konke-konke iitshaneli zomabona-kude.

Ezi dikhoda zizakuthengiswa kwivenkile ezinkulu kwanakwezoshishino kungekudala.

Imizi kwanee ntsapho ezingathathi-ntweni

Urhulumente uyazi ukuba uninzi lweentsapho ezingathathi-ntweni okanye ezihlelelekileyo zizakusokola ukuzifumana/ukuzithenga ezi dikhoda. Kungenxa yesisizathu urhulumente eye wagqiba ukuba le STB ayisabsidayze nge 100%, kwintsapho nemizi ekulungeleyo oku. Ukuze ukulungele ukuyifumana le sabsidi, kufuneka ulungele ezi meko zilandelayo:

- 1. Ube ngumhlali ogunyazisiweyo wase Mzantsi Afrika**
- 2. Kufuneka ubenomabonakude osebenzayo**
- 3. Ingeniso/umvuzo wosapho lwakho xa udityanisiwe ngenyanga akufunekanga udlule kwi R3200.00**

Ukuba ukulungele oku nceda undwendwele iOfiso ye Posi ekufuphi kuwe uphathe **la maxwebhu alandelayo:**

- Ikhadi lakho lesazisi eligunyazisiweyo
- Ikhadi lelayisenisi yakho yomabona-kude/istatementi okanye isifungo esisuka kwi SAPD njengobungqina bomabona-kude osebenzayo
- Ubungqina bengeniso/umvuzo wosapho lwakho xa udityanisiwe ngenyanga umz. Ipeyisiliphu okanye istatementi sakwa SASSA okanye isiliphu apho zondlwalwe khona iinkcukacha
- Ubungqina bedilesi yendawo yokuhlala umz. ityala lakwa masipala okanye levenkile elingekho lidala kunenyanga ezintathu.

Okubalulekileyo:

La maxwebhu abhalwe ngentla apha okanye iikopi zawo ezigunyazisiweyo KUFUNEKA abeyinxalenye yesicelo.